



ULihle noLwandle eBusika

Ndivhuho Mutsila
Vusi Malindi





ULihle noLwandle bahamba ngebhasi betyelela umalume wabo eLesotho.

Bayaqala ukuya kweli lizwe lincinci lisezintabeni eziphakamileyo.



Ezi ntombi zibuka yonke into ezingqongileyo njengoko zisebhasini.


"Kukho ikhephu ezindaweni zonke!" utsho uLwandle evuya.

ULihle uyavuma esithi, "Lifana nengubo enkulu emhlophe equme yonke into."




ULwandle uthi, "Ndiyavuya ngoba kushushu
ngaphakathi kule bhasi!"

"Ewe, kuza kubanda kakhulu phandle.
Amaqondo obushushu eBusika ayehla kakhulu,"
utsho uLihle.



ULihle uqhubeka athi, "Amaqondo obushushu eBusika eLesotho abanda kakhulu kunasekhaya eLimpopo."

"Yhu, ndiyathemba ndipakishe izinxibo ezifudumeleyo nezaneleyo," utsho uLwandle.



Iyafika ibhasi, kwaye amantombazana
aziphakamisele phezulu izandla ebulisa
ekwavuyela umalume wawo.

Unxibe idyasi enkulu, isikhafu nomnqwazi.

“Yeha ke!” uLwandle uyaqhaqhazela ngeli xesha
aphumayo.



Iijezi ezinxitywe ngala mantombazana
azifudumalanga, aziwafanelanga amaqondo
obushushu alapha.

Umalume ubaphathele iingubo ezintle
nezishushu abatshana bakhe.

“Namkelekile eBusika!” uyabulisa esitsho.



Ulumkisa esithi, "Niqaphele ukuba ninyathela phi, kukho umkhenkce kwaye kumtyibilizi."


Bagqitha ezigusheni ezinoboya, ziqukene ndawonye ngeenjongo zokuzigcina zifudumele.



Phantsi kwekhephu, ingca yomile yada yamda ka ngebala.


Ayininzanga ingca enokutyiwa zizilwanyana.

Izityalo ezininzi ziyayeka ukukhula okanye ziyafa eBusika.



Amantombazana ahlala ngasemlilweni kuronta kamalume wawo.

Uwanika inyama yenkomo eshushu neetapile.
Uthi, "Oku kuya kwesiNtu kuthiwa yilekhotloane kuza kunifudumeza."



Umalume uthi, "EBusika, ilanga liphuma kade, lize likhawuleze ukutshona. Siza kuba sendlwini ixesha elide."

La mantombazana aphendula ngexesha elinye esithi, "Sizilungiselele ukuba sifunde iincwadi sizixakekise nangemidlalwana!"

—Imibuzo

1. Uphi uLihle noLwandle?
Yikhangeleni kwimaphu le ndawo.
2. Kungeliphi ixesha lonyaka ngoku?
3. Khangela amagama ama3
alichazayo eli xesha lonyaka.
4. UBusika baseLesotho buyafana
nobendawo ohlala kuyo? Cacisa.
5. Uthanda uBusika beyiphi indawo?
Ngoba?
6. Ucinga ukuba kutheni lento izityalo
ezininzi ziyayeka ukukhula okanye
ziyafa ngexesha laseBusika?
7. Chaza ukuba kutheni le nto eBusika
kusisa kade, ukanti ilanga litshona
msinyane?



Ulwazi Lwethu is a Zenex Foundation funded and initiated project to develop a series of graded and leisure African language readers and teacher support materials. This project is targeted at teaching and supporting learners in the Foundation Phase to improve their home language reading and understanding. The readers have been originated in nine African languages in collaboration with Molteno Institute for Language and Literacies, Nelson Mandela Institute for Education and Rural Development, Room to Read South Africa, and Saide. All resources are developed as Open Education Resources (OER).



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

*The Ulwazi Lwethu readers and storybooks have
been quality assured and approved by DBE.*

Your attribution should include the following:

Title: ULihle noLwandle eBusika

Author/s: Ndivhuho Mutsila

Translator/s: Sinazo Mgobozi, Bukeka Mahlangabeza

Illustrator/s: Vusi Malindi

Assurer/s: Angelinah Dazela

Language: isiXhosa



© Zenex Foundation - Saide 2025 (Updated Edition)

CC BY includes the following elements:

BY – Credit must be given to the creator

